

ISIXHOSA

EYOMINGA 2022

# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



IMAGAZINI YAKWAGRAIN SA YOPHUHLISO LWABAVELISI



Abagqwesileyo ngo2022: Okwitrektara yokusebenza yakhe entsha rhaca yeJohn Deere 5075E nguFlip Manoto. Phambili nguBheki Mabuza, uKhuphukile Mazibuko noJoseph Mokaleng.

## Ixesha lokubhiyozela UKUSE- BENZA nzima nempumelelo

**E**MVA KWEMINYAKA EMIBINI YOKUNGABIKHO KWALO, USUKU LWEMIBHIYOZO LWASEGRAIN SA BELUBANJELWE ENAMPO PARK NGOMHLA WAMA21 KUSEPTEMBER. INJONGO YELI THEKO KUKUBALULA BONKE ABALIMI ABASAPHUHLAYO ABAYINXENYE YENKQUBO YOPHUHLISO LWABALIMI BASEGRAIN SA KUNYE NABO BAZIINTSHATSHALI KWI-ZINTLU ABAKUZO.

Usuku lweMibhiyozo aluquki kuphela iyantlukwano etyebileyo yaseMzantsi Afrika, kodwa luphinda lubumbe ubushushu bothando loli-mo olukhoyo phakathi koluntu lwaseMzantsi Afrika olwenza umsebenzi wokufama. Umoya wemincili nezinxibo ezimabalabala zesiNtu ebezi-nxitywe ngabathabathinxaxheba abaninzi kwenza eli theko libe phambili kwikhalenda yaseGrain SA.

Ababezimase itheko ibingusekelamphathiswa wezolimo, uphuhliso lwamaphandle nokutshintshwa kwemithetho yomhlaba, uRosemary Nokuzola Capa, nabameli beSebe lezoLimo, abamashishini olimo, aboli-mo olulungiselelwayo, abosasazo lweendaba kunye necandelo labucala.

### IINTSHATSHALI ZODIDI

Isihlwele besimi ngeenyawo xa bekubhengezwa uMlimi woNyaka wama2022 oRhwebayo waseGrain SA/Absa/John Deere Financial New Era. UMapidinyana Phillip (Flip) Manoto ufama ngombona nangojongi-langa kwiihektare ezingama550 kufuphi naseLichtenburg eMntla Ntsho-na. Uqale ukuba lilungu laseGrain SA ngo2016 kwaye ufumana iingcebiso kuDu Toit van der Westhuizen. Ukwililungu leKlabhu yeeToni ezili1 500 ukususela ngo2017. UFlip notata wakhe banefama iLusthof ngaseLi-chtenburg, apho imigqaliselo yekamva lakhe ikukwandisa nokwahluka-hlukanisa. Uziva enemincili ngesityalo sangoku, anethemba lokuba siya kumxolisa ngenxa yexesha elingaphambili ebelithwaxwe yimbalela.

Evathe iimpahla zesiNtu, uBheki Isaac Mabuza ubhengezwe nge-ngoMlimi woNyaka wama2022 onesaKhono soRhwebo waseGrain SA. Ufumana iingcebiso kumququzeleli wengingqi, uJurie Mentz. UBheki, ohlala kwifama iDonkerhoek ngasePiet Retief eMpumalanga, waqalisa ngokulima umbona ngo2007, kodwa isityalo zange simnike isivuno esi-nenzuzo. Ngo2014 wangena kwiqela lofundonzulu laseGrain SA eDo-nerhoek kwaze konke oku kwenza umahluko. 'Zininzi izakhono zokufama endizifunde ukususela oko ndangena kwiqela lofundonzulu,' utshilo





1



2

3



4

5



uBheki. Utshate noDuduzile kwaye banabantwana abasibhozo. Oyena mdala, uSiyabonga, uncedisa uyise efama, xa abanye besafunda esikolweni. Umcebisi wakhe, uJurie Mentz, uthi ulsaac ukhulisa ishishini lakhe lolimo kunyaka emva konyaka.

UJoseph Tuelo Mokaleng, ofumana iingcebiso kuDu Toit van der Westhuizen, ufumene isithsaba sokuba **nguMlimi woNyaka wama2022 oRhweba kaNcinane waseGrain SA**. UJoseph zange wakhe wasebenza naphi na ngaphandle kokusebenza umhlaba kwiLali yaseMorena ngesiDelareyville eMntla Ntshona, apho utatomkhulu notata wakhe babefama khona emhlabeni omncinane. Waphuma esikolweni wancedisa uyise, apho babelima khona ngeembongolo, wade uTuelo wakwazi ukuthenga irektara yohlobo lweMassey Ferguson. Wawuthathela kuye umsebenzi wokufama akuba aluphele uyise waze waphumelela kwisifundo sakhe sokuqala saseGrain SA ngo2006. Ukususela ngoko selephumelele kwizifundo ezingaphezu kwezilishumi, eziphakathi kwezolondolozo lwezixhobo zokusebenza ukuya kwesezikwibanga eliphezulu ngokulinywa kombona nangokuthengisa.

**Umlimi wonyaka wama2022 oLimela ukuziPhillisa waseGrain SA/Absa/John Deere Financial** uKhuphukile Vinah Mazibuko, ekunye noGraeme Engelbrecht ongumququzeleli wophuhliso wengingqi yakhe. UKhuphukile ufama kwingingqi yaseDundee KwaZulu-Natal, apho ahlala

khona nomyeni wakhe, uNsiyane, noonyana babo ababini. Ungumboneleli wokhathalelo loluntu kwiSebe lezeMpilo kodwa ubesoloko efama kancinane ukwenzela ukuziphilisa. Ungene eGrain SA ngo2015 waze ukususela ngoko wafamela ukufumana inzuzo. UKhuphukile ebesoloko ezibandakanya kakhulu kuluntu kwaye ngoku ufundisa abalimi bendawo yakhe ngeprojekthi yokungawuphethuli umhlaba. Ufuna ukwandisa izityalo zakhe zombona ukuze enze ilinge lokufuya iinkukhu.

**SIYAKHALELA KUNI**

UGq Pieter Taljaard, intloko yesigqeba esilawulayo (CEO) waseGrain SA, uvuyisene nabo bonke abatyunjwa futhi wagxininisa inyaniso yokuba abalimi abalithoba abakwibanga lempumelelo bangene kwiKlabhu yeeToni ezingama250 (abanengeniso engaphezu kwesigidi esi1 seeRandi), abali16 bangene kwiKlabhu yeeToni ezingama500 (abanengeniso engaphezu kwezigididi ezi2 zeeRandi), ababini bangene kwiKlabhu yeeToni ezili1 000 (abanengeniso engaphezu kwezigididi eziyi4,5 zeeRandi), baze abane bangena kwiKlabhu yeeToni ezili1 500 baze abane bangena kwiKlabhu yeeToni ezingama2 000 (ingeniso yezigidi ezili9 zeeRandi).

Abaphumeleleyo abangene **kwiKlabhu yeeToni ezingama1500** nguPaul Motlokoa, uJohannes Setshego, uDavid Nhlapo noXolani





1: Umbhexeshi wamatheko, uGq Sandile Ngcamphalala, wamkele abathunywa egxininisa ukubaluleka kokubhiyozela iimpumelelo zenkqubo nokusebenza nzima kwabo bonke ababandakanyekayo. USandile yinkokeli yoPhuhliso lwabaLimi, enoxanduva lwePhahama Grain Phakama, yona eyingalo ezimeleyo yeGrain SA.

2: Usekelamphathiswa wezolimo, uphuhliso lwamaphandle nokutshintshwa kwemithetho yomhlaba, uRosemary Nokuzola Capa, ebesisithethi esiphambili.

3: Ingcali yaseMzantsi Afrika kwezobugcisa, uSiki Jo-An, wonwabise iindwendwe ngomculo othandwa zizihlele ofana neAfrican Dream, iNgoma yeziQhakancu nale ithi World in Union.

4: IBhendi yeMangaung Marimba ibiwuxhomile umgangatho wokonwabisa iindwendwe xa zifika eNAMPO Park.

5: Amanye amalungu eqela loPhuhliso lwabaLimi ebubukele ngeqhayiya xa bekubalulwa abebefumana iingcebiso. Abemi emva ukususela ekhohlo ngaba: uJurie Mentz, uGraeme Engelbrecht, uLuke Collier, uJohan Kriel noJacques Roux.

Gumede. Abalimi abane abangene kwiKlabhu yeeToni ezingama2 000 nguSamuel Moloi, uIsrael Motlhabane, uBadge Skosana noFrans Mokoena.

Abaxhasi benkqubo baquka iMaize Trust, iOil and Protein Seeds Development Trust (OPDT), iBayer, iSouth African Cultivar and Technology Agency (SACTA), iSA Breweries (AB InBev), iKgodiso Development Fund (PepsiCo), iSasol Agricultural Trust neSasol South Africa.

Senza umbulelo omkhulu kubaxhasi betheko: iAbsa, iJohn Deere Financial, iBayer, iStandard Bank, iHollard neDeKalb. Abameli babaxhasi, uGq Langelihle Simela (umphathi wophuhliso lweshishini, iAbsa, iAgriBusiness Centre of Excellence), uFortune Mathiba (umphathi wemisebenzi eJohn Deere Financial) noMarthinus Look (umphathi okwibanga eliphezulu, iAgriBusiness eStandard Bank) babhengeze abagqwese kuluhlu ngalunye. ■



VALERIE CILLIERS,  
UMHLELI WASEGRAAN/GRAIN SA



## AMAZWI AVELA...

kuGq Pieter Taljaard

**X**A SIJONGA EMVA KOMNYE UNYAKA OBUNEMINGENI, NGUBANI OBENOKUCINGA UKUBA IHLOBO EBELINEMVULA EGQITHISILEYO, IMFAZWE YASEUKRAINE NEMVULANA YASEBUSIKA EBINGANENO KWEYESIQHELO, OKO KUNGABA YINXENYE YOXANDUVA LWANGO2022? EYISH-SH... MANDIPHELELE APHO NAXA NDINGAKWAZI KUZINQANDA EKUCINGENI UKUBA KAZI UNYAKA KA2023 USIPHATHELE NTONI NA.

Xa umntu eqwalasela imeko yangoku ehlabathini nangakumbi eyoqoqosho lwengingqi yethu, awuthandabuzeki "umngeni". Ubukho bokutya okwaneleyo busesesona soyikiso sikhulu engqondweni yam, kanti ukuba oko akwanelanga, unyaka ka2023 ngokuqinisekileyo uya kuphawuleka ngamalungiselelo onyulo oluzayo oluya kungqonga konke okunxulumene nezepolitiki, oko kushiye ushishino lusindwa ngumthwalo. Ngokuqinisekileyo, le nkcazo yalatha ukungaphatheki ngokulinganayo, kanti inyaniso kukuba sitsala emva isantya senguquko esifunekayo ukuze kuhlangatyezwe iimfuno zabathengi ngokunjalo nemingeni eya kuba khona.

Kwicala lokukhupha imveliso, uqoqosho lweefama luphantsi koxinzelelo oluxhalabisayo – ubukhulu becala oluqhutywa bubunzima balo ehlabathini (kanti kweli lizwe kuphinda kubekho nokulambatha kwamandla ombane) singalulibali nonyusomaxabiso lokuthenga oluphindaphindekayo nolukhatshwaziphumoezothusayo zonzunguphalo. Eli lithuba elifaneleke ngokugqibeleleyo kwabezopolitiki abaziqhelise ukuthatha ithuba lokwenza izithembiso abangenakuzifeza kubavoti abaphelele lithemba. Ingaba sekukubi kangako? Ewe, kodwa sinalo noko ithemba, lesiphumo esihle.

Yaze yayinyhweba nolonwabo imini ebiphinde yafumaneka yokusingatha uSuku lweMibhiyozo ngenyanga kaSeptemba. Kube yeminye imincili emikhulu nokuvuyisana nabo bonke abalimi abasaphuhlayo eMzantsi Afrika – nina nonke nigqwesile. Ngummangaliso ukumamela amabali abalimi namava abo eziphumo – isizwe esineimpumelelo sakhwiwa ngolo hlobo.

Lo mcimbi uqinisekise kum ukuba iGrain SA isekhondweni elilungileyo futhi siyaphumelela edabini. Nangona ikhona yonke imingeni ebangela ubunzima, kukhulu okuzuzwe ngokuqubisana nemiqobo ebisendleleni. Naxa kunjalo, oku kube nako ukwenzeka kuphela ngenxa yendyabo "yamanzi emfesane" ebesisikelelwe ngawo kumaxesha adlulileyo okulima amathathu. Siyanibulela kakhulu nina nonke enibe negalelo ukuze oku kube nako ukwenzeka.

Xa singena kwixesha lemibhiyozo nakwisiqalo sexesha elitsha lokulima (leendleko eziphezulu), masikhumbule ukuba sifanele ukuhlala ethembeni futhi sibe nombulelo xa silindele enye intsikelelo. Wuphathe kakuhle kangangoko unako umhlaba wakho, Phahama Grain Phakama wanga uThixo angaba nathi sonke.

– UGq Pieter Taljaard yiNtloko yesiGqeba esiLawulayo (CEO) yaseGrain SA. ■



# Ukulawulwa kokhula kubalulekile kwimpilo yesityalo

**Z**ONKE IZITYALO ZINOBUNTUNUNTUNU NGOKU-BHEKISELELE KUKHUTSHISWANO LOKHULA. XA IZITYALO ZISEKWIBANGA ELISELULA, KULULA UKUBA UKHULA LUTHATHE ISIVUNO SEZITYALO ESINOKUDE SIBE YI 60% FUTHI NGAPHANDLE KOKULAWULWA KOKHULA, ESO SIXA SINGADE SANDE.

## UKUSETYENZISWA KWEEKHEMIKHALI ZOKHULA

Ukusebenzisa iikhemikhali zokhula ngendlela engachanekanga kukholisa ukuba nesiphumo solawulo lokhula olulambathayo nasekonakaleni kwezityalo. Inkoliso yeengxaki ingathintelwa ngokuyilandela ngqongqo imiyalelo ekwiileyibhile. Unyanzelwa ngumthetho ukuba wenze njalo, njengoko upapashwe apha *Government Gazette*.

Kubalulekile ukufaka iikhemikhali zokhula zaphambi nasemva kokuhluma. Zidibanise nomthengisi weekhemikhali ukuze akuncede ngokukhethele ifama yakho iikhemikhali zokhula ezizezona zikuluhlu olubalaseleyo.

Ukufakwa kweekhemikhali yokhula kubalulekile. Qiniseka ukuba isixhobo sokutshiza sikwimeko yokusebenza efanelekileyo kwaye kusetyenziswa imilomo yesitshizi esichanekileyo. Kukwabaluleke kakhulu ukulandela imiyalelo yokuxuba ekwikhemikhali yokhula. Xa kusetyenziswa iikhemikhali zokhula zeroundup, kubaluleke nangakumbi ukulandela imiyalelo yokwenza imixube ngokuchanekileyo.

Malunga nombona kweli xesha lonyaka, qinisekisa ukuba ikhemikhali yokhula igalelwa kabini. Isihlandlo sesibini siqinisekisa ukutshatyalaliswa kokhula oluhlume emva kwexesha. Kukho iinkcukacha ezilungileyo ezifumaneka kwiwebhusayithi yeBhunga loPhando lwezoLimo (Agricultural Research Council - ARC).

## UJONGILANGA

Ujongilanga uyalavela kakhulu ukhutshiswano lokhula, ngakumbi xa esekwibanga elilula. Ukuba ukhula alutshatyalaliswa ngendlela encomekayo kwiiveki zokuqala ezintandathu ukuya kwezisibhozo emva kokuhluma, kungalahleka isivuno ebesinokubakho esinokufikelela kuma 50%. Olona tshabalaliso lubalaseleyo lungaphunyezwa ngenkqubo yokusebenzisa imigaqo yokuqukanisela ukulubulala ngoomatshini nangeekhemikhali.

- Walungise ngocoselelo amasimi phambi nangexesha lokutyala. Umandlalo wezithole olungiswe kakuhle awuqinisekisi kuphela ukuntshula okuncomekayo, kodwa ukwadala iimeko ezizezona zifanelekileyo zokusebenza kweekhemikhali ezibulala ukhula.
- Bubuchule ukufaka ikhemikhali yokhula ekwaziyo ukutshabalalisa iintlobo zengca evelayo futhi incede ngokulawula nokhula oluthile lwamagqabi abanzi.
- Xa izithole sezikwazile ukumilisela zide zifikelele ekuphakameni okumalunga ne15 cm, 'isongololo' lingasetyenziselwa ukubulala ukhula oluselulala oluntshulayo – kucetyiswa amaxesha osuku angawona afudumeleyo.
- Ukuba kulinywe imihlanganisela yeClearfield, qiniseka ukuba kugalelwa ikhemikhali yokhula yeClearfield ngokweengcebiso nangokohlobo lukajongilanga otyaliweyo.
- Emva kwexesha, ukuhlakula phakathi kwemiqolo kungenziwa ngomatshini onamazinyo. Njengoko izityalo ezonakeleyo zibuyela kwisimo sazo

ebezikuso ukuba ziyabuyela, ukuhlakula makungenziwa nzulu ukuze kuthintelwe nawuphi umonakalo onokunqandeka kwiingcambu.

- Ukuba kukho imfuneko, zonke izityalo zokhula lwekhaki mazisuswe phambi kokuvuna. Imbewu evunwe kunye nokhula lwekhaki iba nevumba lalo ukuze ngenxa yoko wethe umgangatho wazo.

Kubalulekile ukukhumbula ukuba ujongilanga unobuntununtunu ngakumbi kwifuthe lentsalela yeAtrazine. Kwimihlaba ethile efana naleyo egqunywe ngesoyi emnyama, ifuthe lentsalela yeAtrazine lingamonakalisa ujongilanga nakumaxesha okulima amabini emva koko. Xa ujongilanga ekhula ngokujikeleziswa nombona, makusetyenziswe izibulali zokhula ezinefuthe elifutshane lentsalela emboneni.

## UMANDLALO ONGAPHEZULU WEZITYALO

Kubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba izityalo zifumana izichumiso ezaneleyo kwibanga elifanelekileyo lokukhula kwesityalo. Malunga nezityalo zombona, kufanele kufumaneka zonke izichumiso kwibanga lamagqabi asibhozo. Oku akwenziwa xa isityalo siza kusebenzisa isichumiso, kodwa kwenziwa xa isityalo sisalatha isakhono sesivuno. Qiniseka ukuba kufakwa i15 kg yenitrogen obona buncinane ngetoni nganye elindelekileyo yombona. Kanti kuya kuba luncedo nokugalela ipotassium kodwa xoxa ngalo mbandela nomthengisi wakho.

Malunga nomaleko ongaphezulu, unqongophalo lwesichumiso lufanele ukulungiswa. Sebenzisa abathengisi bezichumiso ukufumanisa ukuba ingaba kufuneka kufakwe isichumiso esithe chatha na. Xa ubala isakhono sesivuno sesityalo, kubalulekile ukugqala iingqikelelo zezozulu lide libe sekupheleni ixesha lokulima uze uzithelekise nesichumiso esesifakiwe. Ukuba isivuno siphucukile kunokuba bekulindelekile, faka uchatha okanye ukuba kulindeleke isivuno esinganeno, maze ungasifaki.

Nangona kunjalo, akukhathaliseki ukuba kwenziwe siphi isigqibo – qiniseka nje wena ukuba uyaziqonda iziphumo, njengoko isichumiso esibaxekileyo sinobungozi njengesichumiso esincinane kakhulu.

Malunga nojongilanga, bubuchule ukufaka initrogen emva kwexesha kangangoko kunokwenzeka. Qiniseka ukuba malunga nomhlaba oyisanti sabuvunduvundu, kufumaneka initrogen engange 10 kg yesivuno ngetoni nganye. Isityalo siya kusebenzisa le nitrogen ukuze imbewu ihlohele kungekuko ukufumana isityalo esikhulu. Ngemihlaba enepotassium emalunga nama40 mg/kg emhlabeni, qinisekisa ukuba kufumaneka i10 kg yepotassium obona buncinane besivuno ngetoni nganye.

Bubuchule ukuxoxa ngesicwangciso sakhokho sokusebenzisa isichumiso kunye nomthengisi wakho wesichumiso. ■



PIETMAN BOTHA, UMCEBISI OZIMELEYO KWEZOLIMO



# Zazi izonakalisizityalo zakho: iSesamia

**I**ZONAKALISIZITYALO ZE-LEPIDOPTERAN EZIFANA NE-SESAMIA ZIBANGELA UMONAKALO OMKHULU EMASIMINI OMBONA, ISIPHUMO ZILAHLEKO EZIKHULU ZEZIVUNO. UKUZE EZI ZONAKALISIZITYALO ZIBULAWE KUSELITHUBA NGEZIXHOBO EZIFANELEKILEYO, KUBALULEKILE UKUBA ABALIMI BAZICHONGE.

## INTLAVA EPINKI YESIKHONDO

I-Sesamia, eyaziwa banzi njengentlava epinki yesikhondo, ibonakala ubukhulu becala kwiingingqi eziselunxwemeni, kwiLowveld yaseLimpopo neyaseMpumalanga, eMntla Ntshona nakwiindawo zikanxantathu wombona. Ubude bomjikelo wobomi bentlava epinki yesikhondo bahluka phakathi kweeveki ezintandathu ukuya kwezilishumi.

Ngokuyelele kwintlava yeChilo, iintlava ezipinki zesikhondo ziqala ngokubhabha njengovingane kwangoSeptemba kwaye zinezizukulwana ezishiyashiyanyayo ngonyaka. Uvivingane luququzela ngexesha lasebusuku luze luphile phakathi kweentsuku ezimbini ukuya kwezi-14. Uvivingane ludinga umbona otyalwe kwangoko ukuze lubekele amaqanda ngokunjalo luphile, nangona maxa wambi lukhetha ingca.

Uvivingane olusisikhomokazi lubekela amaqela amakhulu angaphezu kwamaqanda ali100, ubukhulu becala phakathi kwamacwecwe amagqabi okanye kufuphi nezikhwebu zombona. Uvivingane olunye olusisikhomikazi lubekela amaqanda anokufikelela kwi1 000. Amaqanda amhlophe obufipheleyo kodwa phambi kokuqanduselwa kwiintsuku ezintandathu ukuya kwezilithoba, kuxhomekeka kwisityalo esingumamkeli nakumaqondo obushushu.

Oophunguphunu abavelayo bagqobhozela kwangoko kwizikhondwana zesityalo okanye kwizikhwebu zombona, apho baqhuba ngokuzondla khona kodwa bayasishiya isityalo ukuba asisengomthombo owaneleyo wokutya. Oophunguphunu basoloko bemhlophe obufipheleyo ngebala, kodwa baphawuleka ngebala elipinki. Ibanga loophunguphunu lithatha iiveki ezintathu ukuya kwezintandathu, emva koko bajika babe ngoophunguphunu abakhu-abafumaneka esikhondweni okanye phakathi kwamagqabi.

## Umonakalo

Kummandla ofumana imvula ehlotyeni, amaxesha ohlaselo anobuzaza ngakumbi kuOkthobha/Novemba kwizithole nangoFebruwari/Matshi xa sezikhona izikhwebu. Imiqondiso ebonakala kuqala iquka umonakalo kwiindawo ekwenzeka kuzo ukukhula (iintliziyo ezifileyo) kuba oophunguphunu bagqobhoza ngqo kwisikhondo, ngaphandle komonakalo emagqabini azizazinge. Ukulinywa kombona kwangoko phantsi kokunkcencesha okujikelezayo kwenza ukuba ube nobuntununtunu kakhulu kuhlaselo lwentlava epinki yesikhondo.

## UKUTSHATYALALISWA KWEMPEHLA YEZIKHONDWANA ZEZITYALO

Esinye sezixhobo ezingundoqo zokutshatyalaliswa kwempehla kuseteyenziswa kweekhemikhali ezifakwayo, ngeemveliso ezibhaliselwe ngqo impehla yezikhondwana zesityalo. Nangona kunjalo, kubalulekile ukuba ukuyitshabalalisa ngeekhemikhali kwenziwe ngenkathalo engqongqo, ebandakanya ukulandela amanyathelo ayimfuneko okhuseleko, oko kubolekisanane namaqela eekhemikhali kunye nokutshiza ngokwamaqondo amathamo acetyiswayo abhalwe kwileyibheli yemveliso.

Ukutyalala imihlanganisela yombona elungalingiswe ngobuchwepheshe obunesiphumo sokumelana nezinambuzane (umzekelo, izityalo zeBt) sesinye isixhobo sokhuselo kuhlaselo lweempehla zezikhondwana zesityalo. Ukuze kuphumelele ukutshatyalaliswa kwempehla yezikhondwana nokulawula ukumelana nezinambuzane ngendlela encocekayo, kubalulekile ukuba indawo elinywe umbona weBt iquke ukulinywa kukamamkeli ovunyiweyo enokubalekela kuye.

Izixhobo zolawulo zesithethe ziquka imihla yokutyalala yaphambi kwexesha ebusika okanye isaqala intlakohlaza ukuze oophunguphunu babe kwixesha elide lasebusika okanye abakhulu oophunguphunu bagqumeke emhlabeni, njengoko uvivingane lungenabuchule boku-ba semhlabeni xa beqanduselwa. Amanye amanyathelo aquka ulawulo lwezityalo zombona ezingamavolontiya, ukukhetha iintlobo ngeentlobo ezilungiselelwe ukumelana nezinambuzane, kanti oko kuvumela izinambuzane eziluncedo ukuba zibe nendima ngokunjalo nokuhlolwa rhoqo kwamasimi ukuze kuchongwe uhlaselo lwempehla yezikhondwana kuselithuba kunokuba oko kwenzeke emva kwexesha. ■

CROPLIFE SOUTH AFRICA



*Ubukho boophunguphunu beSesamia bubonakala ngokucacileyo kwesi sikhwebu sombona.*



*Oophunguphunu beSesamia kwisikhondwana sikammoba weswekile.*

# Thintela imingcipheko ngokukhetha okulungileyo

**X**A UMLIMI ENGENAZIXHOBO ANOKUZISEBENZISELA UKUGUQULA IMEKO, UJIKI ABE NGUMAMKELI WEXABISO. ABAMKELI BAMA-XABISO BAJONGANA NEMINGCIPHEKO EMININZI, NJENGOKO IXABISO ALINIKWAYO UMLIMI LINGAZIGQALI IINDLEKO ZAKHE ZOKULIMA, FUTHI AKUKHATHALISEKI NOKUBA UMLIMI UFUMANA INZUZO OKANYE ILAHLEKO NA.

Omnye wemibandela ebalulekileyo emsebenzini wokufama lulawulo lwemingcipheko. Ukuba umlimi ufuna ukuyigcina phezu kwamanzi intloko yakhe ukuze angarhaxwa ahlale efumana inzuzo, kufuneka ke ngoko akwazi ukulawula umingcipheko wakhe. Isixhobo esibalulekileyo sokukwenza oko kukukhetha okulungileyo – ngentetho evakalayo masithi, sebenza ngokukhetha okufanelekileyo. Ezi khontrakthi zifumaneke ngexabiso elaziwa ngokuba primiyam.

## EMINYE IMIQATHANGO OFANELE UKUYIQONDA:

- Impahla yexabiso eyintsusa: Imveliso efana nombona, iimbotyi zesoya nengqolowa.
- Iprimiyam: Ixabiso elihlawulwa ngumlimi ukuze athenge ikhontrakthi.
- Ixabiso elisisigxina: Ixabiso elisisigxina esekwe kulo ikhontrakthi.
- Iqondo eliphantsi lexabiso: Iqondo elifikelele kulo ixabiso kangangokuba inzuzo ide ilingane neprimiyam.

## OKUNOKUKHETHWA

Ukukhetha isixhobo sokuzibekela yikhontrakthi enika umthengi ilungelo, kodwa kungabi sisibophelelo, ukuthengisa impahla yexabiso eyintsusa ngokuthengisa ngqo (kulo mzekelo, ngumbona) ngexabiso elithe ngqo kubude bexesha elithe ngqo. Esi sixhobo sanceda umlimi ukuba akhuseleke emaxabisweni athotyweyo – kodwa umlimi ucinga ukuba amaxabiso aya kunyuka, ngoko ke iyamkhusela ukuba angeyeli. Ukuba liyehla ixabiso, kodwa umlimi abe ecinga ukuba aza kunyuka amaxabiso, kuyanda ukuxabiseka kwesixhobo sokukhetha ukuzibekela.

**Ukukhetha isixhobo sokubiza** yikhontrakthi enika umthengi ilungelo, nangona kungekho sibophelelo, lokuthenga impahla yexabiso ethe ngqo eyintsusa (kulo mzekelo, ngumbona) ngexabiso elithe ngqo kubude bexesha elithe ngqo. Esi sixhobo sancedisa abasili ukuba bazikhusele emaxabisweni anyukileyo – kodwa umsili ucinga ukuba amaxabiso aya kuthotywa, ngoko ke imkhusela ekunyukeni kwawo. Ukuba ixabiso liyenyuka, ukuxabiseka kwesixhobo sokubiza kuyanda.

## Umzekelo onako ukwenzeka

Khawufane ucinge ngemeko yexesha lokulima elilandelayo (ixesha lokulima lango2022/2023). Umlimi waseMpumalanga wenza isicwangciso sokulima kwiihektare ezingama50 zombona otyheli nokuthenga iimveliso zamalungiselelo akhe ukwenzela ukulima kwixesha lokulima kuSeptemba ngo2022. Ubalala athi iimveliso zamalungiselelo akhe ziya

kuba neendleko ezingamaR21 000 ngehektare. Umyinge wesivuno sombona otyheli kwixesha leminyaka elishumi ziitoni ezi6 ngehektare. Ixabiso langoku lekhontrakthi yangoJulayi ngo2023 yiR4 500 ngetoni. Ixabiso lokuthenga isixhobo sokuzibekela yiR300/ngetoni.


## Okunikiweyo

- Isityalo: Umbona
- Ihektare: 50
- Iindleko zeemveliso zamalungiselelo: yiR21 000 ngehektare
- Isivuno esingumyinge: iitoni ezi6 ngehektare
- Ixabiso lekhontrakthi langoku langoJulayi ngo2023: yiR4 500 ngetoni
- Ixabiso lesixhobo sokuzibekela: yiR300 ngetoni

Xa iindleko zeemveliso zamalungiselelo ziyiR21 000 ngehektare, nge-xabiso leR4 500 ngetoni, umlimi ufanele ukuthengisa malunga neetoni ezi5 ngehektare ukuze kubekho imbuyiselo yeemveliso zamalungiselelo. Oku kuthetha ukuba umlimi uya kuthenga isixhobo sokuzibekela esihambelana nexabiso elisisigxina leR4 500 ngetoni, ukuze iindleko zakhe zibe yiR300 ngetoni.

1

Ukukhetha ukuzibekela kwixesha elide.



## Iimeko eziyimizekelo (Isazobe 1):

- 1) Ukuba amaxabiso awajiki ahlala engangeR4 500: Ixabiso elifunyenweyo = R4 200 (R4 500 - R300). Umlimi uya kuvalela ngaphandle imeko yakhe ukuze afumane iR4 200, yona ibalwa ngale ndlela ilandelayo: Ixabiso elisisigxina lesixhobo (R4 500) kuthatyathwe iprimiyam (R300) aze athengise umbona wakhe entengisweni ngokwe R4 500 ngetoni.
- 2) Ukuba liyehla ixabiso libe yiR4 000: Ixabiso elifunyenweyo = R4 200 (R4 500 - R300). Umlimi ufanele ukusebenzisa esi sixhobo ukuthengisa ngokweR4 500 ngetoni. Uya kufumana ke ngoko iR4 200 ngetoni, yona ibalwa ngokusebenzisa isixhobo sakhe aze athengise umbona ngexabiso elisisigxina (R4 500) kuthatyathwe iprimiyam (R300).
- 3) Ukuba ixabiso liyanda lize lifikelele kwiR5 000 = R4 700 (R5 000 - R300). Umlimi akanakusisebenzisa esi sixhobo. Uya kuthengisa umbona wakhe kwintengiso evulelekileyo ngokwexabiso lasente-ngisweni (R5 000) kodwa usafanele ukuhlawula iprimiyam (R300).



## ELOKUGQIBELA

Izixhobo ezinokukhethwa kunzima ukuziqonda kodwa zineenzuzo ezininzi kubalimi kumaxesha angenakuqinisekiswa ukuze kuthomalaliswe umngcipheko wabo, ukuba zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Kukho amahlandinyuka malunga nezi zixhobo, kodwa ukuba zisetyenzisiwe ngesicwangcisocebo esichanekileyo, amathuba abe nokubakho eelahleko ezinkulu anokuncitshiswa. ■



CHRISTIAAN VERCUEIL,  
OKUQEQESHO: KUQOQOSHO  
OLUSEBENZISEKAYO, EGRAIN SA

## UKHUSELO KUQALA

### Icandelo 6



# Ukuphatha iikhemikhali Ngokhuselo

**Z**ONKE IIKHEMIKHALI ZIFANELE UKUTSHIXELWA ZIKWIZIKHONGOZELO ZAZO ZENTSUSA ZINGAGALELWA KWIZIKHONGOZELO ZOMZI. YIBA SOLOKO USEBENZISA IIKHEMIKHALI EZIBHALISWEYO. IZIKHONGOZELO EZINGENANTO MAZIGCINWE KWINDOWO ENEMPEPHO FUTHI ZISUSWE YIKHONTRAKTHA EYAMKELEKILEYO, ZINGAPHINDI ZISETYENZISWE NGEZINYE IINJONGO.

### Iimfuneko ezilandelayo zezendawo yocino:

- Mayibe nempepho eyaneleyo.
- Mayitshixeke, kungabi bantu bangena ngaphandle kogunyaziso kuyo. Iikhemikhali ezineleyibheli ezibomvu mazigcinwe ngokwahlukaniswa kwezinye.
- Iimpawu zokhuselo malunga neempahla zabasebenzi ngokunjalo neenombolo zemo yonxunguphalo mazithunyelwe kwindawo yocino.
- Mazifumaneke izixhobo zothintelo lomlilo.
- Umphezulu womgangatho mawenziwe ngendlela enokuqokelela okuthe chatha nge 10% kunomthamo weekhemikhali ezigcinwa xa kukho ezichithekileyo okanye ezivuzileyo.
- Makubekho ibhotile enento yokuhlamba amehlo neshawa yemo yonxunguphalo mayifumaneke.
- 'Icwecwe leekhemikhali elineenkukacha zokhuseleko' ('material safe data sheet' - MSDS) malifumaneke. Abasebenzi abasebenza ngeekhemikhali mabafumane uqeqesho olukwi-MSDS. Xa umsebenzi ebechukumise iikhemikhali aze athunyelwe kugqirha, iMSDS enonxulumano neekhemikhali ebezichukumisile nayo mayisiwe kugqirha.

Abasebenzi abasebenza ngeekhemikhali mabaye kwezi zifundo 'Ukuphatha iikhemikhali ngokhuselo'. Ezi zifundo mawenziwe kabini ngonyaka obona buncinane. Umqeshi naye makahlanganisele inkqubo yokusebenza ngokhuselo aze axoxe nabasebenzi bakhe ngayo.

Bonke abasebenzi abaphatha iikhemikhali mabaye kuvavanyo lwempilo olwenziwa yingcali yezempilo kwindawo yokuphangela ngonyaka ngamnye. ■

CHARL SAAYMAN, UMCEBISI WEMPILO NOKHUSELO  
EMEGA HEALTH AND SAFETY

# PULA IMVULA

## Iqela labahleli

### GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087  
Lynnwood Ridge  
0040  
■ 086 004 7246  
■ www.grainsa.co.za

### UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala  
■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8296  
■ sandile@grainsa.co.za

### UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel  
■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285  
liana@grainsa.co.za

### UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING  
Umhleli ongumncedisi - Louise Kunz  
■ louise@infoworks.biz

### Inkokeli yeqela lomsebenzi - Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716  
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi - Elizma Myburgh, Jesse Ross



## Inkqubo yeGrain SA yoPhuhliso lwabaLimi

### ABAQUQUZELELI BOPHULISO

Johan Kriel  
Free State (Bloemfontein)  
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthomboti  
Mpumalanga (Mbombela)  
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangalisso Zimbili

Jurie Mentz  
Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)  
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht  
KwaZulu-Natal (Dundee)  
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Liana Stroebel  
ENtshona-Koloni (Paarl)  
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen  
North West (Lichtenburg)  
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Luke Collier  
EMpuma-Koloni (Kokstad & Mthatha)  
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

UCwayita Mpotyi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)  
■ 078 187 2752 ■ umthata@grainsa.co.za  
■ e-Ofisini: 012 943 8277

### IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:  
isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE  
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY  
THE MAIZE TRUST



# Inkqubo eguqula ubomi babantu



Farmer Development Programme

Ingxelo

## Kusoloko kukho nokunye okufundwayo

**IQELA** belixakekile ngenyanga kaSeptemba oko kuquka amathuba okutyelela abalimi, iintlanganiso ezimbini zamaqela ofundonzulu eBreyten naseSalubindza; amathuba otyelelo lweefama amathandathu; amathuba okutyelela izikolo ali15 kunye nezifundo zoqeqesho ezisixhenxe.



*Iqela laseLouwsburg, phantsi kokhokelo lukaJurie Mentz, lizidibanise nabalimi abali16 eBreyten, eMpumalanga. Iingxoxo bezigqaliselwe kwimingeni ebekujongenwe nayo kwixesha elidlulileyo lezandiyondyo zeemvula, izityalo zaze zathatha ixesha elide ukuphinda zome. Ugqaliselo belukucwangcisele lwexesha elitsha lokulima. UShadrack Mabuza waseBayer ebela naye eye kuxhobisa abalimi ngamacebiso.*



*Umqeqeshi uAttie Louw unikele kwangaso eso sifundo kwiqela labalimi baseFree State eHarrismith. Sona senzeke ngenxa yeOPDT. Abalimi abebeye kwezi zifundo nabo bafunde ngokuthathwa kweesampulu zomhlaba.*

*UAgnes Mndawa, umqeqeshi kwinkqubo, unikele ngezifundo ezibizwa ngokuthi 'Intshayalelo ngokulinywa kweembotyi ezomileyo' kubalimi abarhweba kancinane eLimpopo. Isifundo senziwe ukuba sibe yinto ekhoyo yiOil and Protein Development Trust (OPDT). Apha abebeyile babonise indlela yokucaphula iintwana yomhlaba.*



*I-DVD yoKutya, iMicu yeeNtsinga, uBomi - Ezoqoqosho: Yintoni endiza kuyifumana kuyo? Iboniswe abafundi abangama297 beBanga le12 nabali180 beBanga le9 kwisi-Kolo samaBanga aPhezulu iKhula eKomatipoort. Abafundi bafunde banzi ngokubaluleka kolimo kubomi babo bemihla ngemihla. Iphinde yababonisa i-intlobo ezahlukahlukileyo zemfundo abanokuziqeqeshelwa bazikhethe kwezolimo.*

## BESILAPHO

**ISIPHUMO** esiqaqambileyo seNkqubo yoPhuhliso lwaBaLimi, uSuku lweMibhiyozo, obelubanjwe ngoSeptemba. Naba abanye abalimi abasebenza nzima abathabathe inxaxheba kwimibhiyozo. ■

